SALHA 21S: GWU

THE CAPE TOWN TRADE UNION LIBRARY

NOVEMBER 1981
No.1
IPEPHA-NDABA LE GENERAL WORKERS UNION
10c

# PHAMBILI BASEBENZI

## Abasebenzi bemizi yeentsimbi babadudulele emva abqashi

Abasebenzi kwinkampani ezintathu zeentsimbi kweli lase Kapa - Trident Marine, Consani Engineering no Dorman Long baththe inyathelo elibanzi ekukhabeni inkqubo yombutho wabarwebi ebizwa ngokuba yi Industrial Council.

Lo mbutho kwimizi yeentsimbi ngowona mkhulu apha kweli lo mzantsi Afrika. Aba baqashi bamelwe ngumbutho wabo oyi SEIFSA, ngumbutho onamandla kakhulu lo woongxowa-nkulu apha kweli lethu.

### INKQUBO YOONGXOWA-NKULU

Ngawo onke amathuba uSEIFSA ubesoloko ehamba phambili ekulweni iimanyano zabasebenzi ezinenkqubela.

Okokuqala abaqashi bala kuqala ukuba nento yokwenza neemanyano ezingashicilelwanga, beqhuba nezishicilelweyo kuphela. Bathe bakubona ukuba ii Union zizimisele ukungashicileli, zaye zikhula ngamandla, abaqashi bemizi yeentsimbi bayiguqule inkqubo yabo.

### ABASEBENZI ABAVUMI

Koko bavumile ukuthetha naye nawuphina u-Union omela abasebenzi. Kodwa baliphuhlisile elokuba nayiphina na ingxoxo ngezemali nangezokusebenza mayixoxwe yi Industrial Council.

Abasebenzi bayikhabile loo nto. Ngoku banyanzelisa abaqashi ukuba bazivume iimanyano zabo abazinyulele zona, ukuze bathethe nabasebenzi ngobuqu ezifektri ngezemivuzo nange ndlela zokusebenza.

### ULOYISO

Okokuqala u Trident Marine uvumile ukutheth nekomiti ye Union i Workers Kommittee. Sele abasebenzi benelungelo elibanzi baphumelela izinto eziliqela ezine yure zokusebenza ezilungisiweyo. Ngoku bazakuzala imivuzo ethe chatha kuleyo ibekwe yi Industrial Council.

Phaya kwa Consani bayivumile ikomiti yabasebenzi ye Union i Workers Committee. Bavumile ukuthetha nekomiti nangayiphina into edla abasebenzi.

Kwa Dorman Long abaqashi bavumile ukudibana ne Workers Committee yabasebenzi nabasebenzi be Union kwangemibandela ekwanjalo.

### UMANYANO OLOMELELEYO

Kuzo zonke ifemu abasebenzi baliphuhlisile elithe mayibe "ngabasebenzi abathetha ngqo kubaqashi babo. Bacacisa ukuba bayayikhaba i Industrial Council apho bangenalungelo lokuthetha ngqo nabaqashi."

Aba basebenzi babenakho ukunyanzela abaqashi ukuba bamkele iimfuno zabo ngenxa yomanyano labo phaya ezifektri.

### PHAMBILI

Kodwa idabi alikaphunyelelwa. Umbutho wabaqashi i SEIFSA ne Industrial Council, yimibutho eyomeleleyo esesendleleni yabasebenzi kule ndawo yokusebenza. Kodwa abasebenzi bathathe inyathelo elibalulekileyo babonisa indlela ebheka phambili.



## I-asbestos: Abasebenzi abonwabanga

I-Asbestos eluhlaza isetyenziswa ngendlela eyingozi kakhulu kolwa nxweme lase Bhayi. Abasebenzi banokuchaphazeleka kwizifo ezibangwa yi-asbesto. Ngokuqinisekileyo ubomi babasebenzi busesichengeni. Abakhuselekanga kwaphela.

INGXOWA EZIKRAZUKAYO

Indlela eqhuma ngayo iyamangalisa. Ukuqhuma kwayo kuba ngathi kugubungele yinkungu. Xa ugqiba kuyisebenza akukho mntu unokulazi ibala lakho. Akunandaba nokuba usebenza kuyo okanye udlula kufutshane apho isetyenzwa khona batsho abasebenzi.

I-Asbestos ilayishwa kwiingxowa ezicekethekileyo. Ngamanye amaxesha iingxowa ziyakrazuka kodwa abasebenzi abazisi so. Iminyaka emininzi ibisetyenziswa ngolu hlobo. Abasebenzi abazazanga iingozi ezibangwa yiyo.

UKUTYA UTHULI

Kwintlanganiso yokuqala phakathi kwabaqashi nekomiti yabasebenzi, umququzeleli ukhankanye iingozi zeasbestos. Uxelele abaqashi ukuba bawuqwalasele lo mcimbi, ukuze bavelise ezinye iindlela zokusebenza i-asbestos.

Sithe thina basebenzi sakuba sikuvile oku sanengqumbo engathethekiyo, kuba iminyaka emininzi besiwenza lomsebenzi singenalwazi ngeengozi zawo nezifo esinokuzifumana. Asizange sixelwe ngawo ngabaqashi bethu. Besisitya ngezandla zethu zizele lo asbestos.

Phofu ngoku le meko iphantsi koqwalaselo. Abasebenzi balindele ukuva ukuba zimpendulo zini ezinikwa ikomiti yabo ngaba qashi.



## ABE STIFIDO SASE BHAYI BATHI: 'Asifuni kulayisha iswekile'

Kukho izikhalazo kubasebenzi ebeswekile kwizibuko lase Bhayi. Oku kubangele untlaba-zahlukane phakathi kwabasebenzi nabaqashi.

Abaqashi abasamkeli isicelo sabasebenzi sokuba babeba 4 kwi pallet nganye apho ilayishwa khona le swekile. Abasebenzi bakhalazela ukuba ba 3 epalletini. "Kuthi ukuba omnye uye kuthenga bashiyeke bebabini. Kwi double pallet sibayi 6 endawenii yokuba sibebasi 8", batsho abasebenzi.

I PLANI ZABAQASHI

"Kwinyanga ka June sakha sanengxoxo nabaqashi ngalombandela. Asizange sifikelele zigqibeni".

"Sibazise ke ukuba asiyamkeli indlela abathi mayisetyenzwe ngayo iswekile. Mababone elinye icebo".

Sibazisile ukuba xa besala nomntu wesine mabayifake kumakonteyina (containers) koko bona basuka baqesha amakhesela.

"Sizamile ukuyincanda le nto. Thina singabasebenzi besingatsho ukuthi makuqeshwe amakhesela", abasebenzi bayakhala".

INGXUBA KAXAKA

"Sibazisile ukuba mabayilayishe ngokwabo, kuba thina besifuna undlela lula ngenxa yobunzima bayo."

"Abaqashi bathembisa ukuba bazakuthumela abantu abangaphantsi kwe 32 ubudala. Naleyo sayikhaba ngawo omane".

Abasebenzi banyanzelise abaqashi ukuba bahlukane nala ndlela indala yokusebenza. Kodwa abaqashi abavumi ukuxelelwa ngabasebenzi ukuba iswekile mayisetyenzwe njani na.

"Kungoku nje iseyiloo ngxuba-kaxaka kwizibuko leswekile lase Bayi". Abasebenzi babatyityimbisele umnwe abaqeshi.

# UZIMELE-GEQE WASE CISKEI

Kutsha nje ama 205 abasebenzi babanjwe ziziphatha-mandla zase Ciskei eMdantsane, emveni kwentlanganiso yabo enkulu ye Union phaya kwidolophu yase Monti.


Abasebenzi baqumba kakhulu sesi senzo kumaqabane abo. Babiza iintlanganiso ezifuna kukhululwe amaqabane abo.

Eli bali lidala kakhulu kweliya lempuma Koloni. Ayikuko okokuqala kubanjwa abasebenzi neenkokheli zabo, basoloko behlaselwa bubuRulumente buka Sebe.

INTLANGANISO

Kwintlanganiso yeemanyano zabasebenzi ebe ibanjelwe eKapa ngo August, impatho mbi yeemanyano zabasebenzi yaxoxwa. Kwagqitywa ekubeni ukuba iimanyano ezi azinakuthi cwaka kwakhona.

Ngo September kwabizwa intlanganiso kawonke-wonke ukubonisana ngento eqhubekayo eCiskei, nendlela yocalucalulo, nayo yabanjelwa eKapa. Abasebenzi abaninzi bayigatya inkululeko yase Ciskei.



Mnu. Pendlani we African Food & Canning Usihlalo we ntlanganiso


IZIZTHETHI

"Kude kwangoku iziphatha mandla zase Ciskei akukho nto ziyenzele abasebenzi. Akukho misebenzi, akukho mhlaba waneleyo nezindlu zimbalwa," watsho lomsebenzi.

Ukuba umsebenzi akanaso isitampu kwincwadi yakhe ukubonisa ukuba ungumvoti wase Ciskei, ufumana ubunzima obukhulu ekufumaneni umsebenzi ngejoyini. Abanikwa umsebenzi nezindlu kuqala ngabo bancedisana noSebe nombutho wakhe.

"Iziphatha-mandla zase Ciskei zisacinezela abasebenzi ngemithetho yoRulumente yomZantsi Afrika. Inguqulelo kuphela libala ebusweni beziphatha-mandla zase Ciskei, kodwa isitulo sinye."

## YINKULULEKO YABANTU NA?



Esinye isithethi sithe: "Iziphatha mandla zase Ciskei azimelanga iimfuno zabantu, koko inkululeko yase Ciskei encedisana noRulumente womZantsi Afrika ekucaluleni nasekwahluleni uluntu olumnyama."

Ezinye izithethi zibalule inkululeko yase Ciskei njengento yokuvimbela uluntu olumnyama ilungelo lalo lomZantsi Afrika.

ONGXOWA-NKULU ABATSHA

Le nkululeko izakuthetha ntoni kubantu abamnyama?

Ngubani ozakuzuza ngale nkululeko? Ngaba izakubanceda abasebenzi? Okanye izakunceda oongxowa nkulu abatsha base Ciskei, okanye abo banemisebenzi ebalulekileyo kuRulumente omtsha wase Ciskei ?

U-Sebe ubuze esithi ingaba iimanyano zabasebenzi zinceda abasebenzi zibamela yini na? Kodwa abasebenzi bayambuza nabo: Ukuba umele bani na? Ngaba usecaleni labasebenzi na, okanye ulwa ebetha idabi labasebenzi yini na ?

Bonke abantu bayabuza: ingaba uzimele geqe wase Ciskei yinkululeko yabantu na ?

Eli liphepha-ndaba labasebenzi. Lilawulwa ngabasebenzi abayi komiti yeli phepha-ndaba. Bonke abasebenzi ku-union bayacelwa ukuba babhale amabali kulo. Ukuba une bali, nceda ulinikezele kwi komiti yakho, okanye kwi ofisi yesebe lakho.

Lipapashwe lashicilelwa yi General Workers' Union, Benbow Building, Beverley Street, Athlone.

# Uloyiso lwabasebenzi besibhedlela

## Umyalezo kwabanye babasebenzi besibhedlela

Kwisibhedlela i Woodstock abasebenzi baphumelele idabi elikhulu. Ikomiti yabo ivunyiwe ziziphatha mandla zesibhedlele, kwaye sele bedibana nomqashi .

UKUBALULEKA KWABASEBENZI

I-General Workers Union ihlanganisa abasebenzi bezibhedlela eKapa nase Bhayi. Ngaphandle kwabasebenzi izibhedlela zingawa. Kodwa ngamayeza anikwa imbeko ngaphezulu kwabasebenzi bezibhedlela.

URULUMENTE

Izibhedlela ziphantsi kuka Rulumente. Ngesizathu sokuba u-Union walukhaba ushicilelo, kunzima ukuba abasemagunyeni bazivume iikomiti zabasebenzi besibhedlela. Kodwa amandla abasebenzi besibhedlela iWoodstock sibabonisile ukuba abasebenzi bamanyene kulula ukuba ikomiti zabo zamkeleke.

Ukuvuyela uloyiso lwabo abasebenzi besibhedlela iWoodstock bathumele umnqweno omhle kubo bonke abasebenzi, ngakumbi abezibhedlela.

YIZANI BASEBENZI


"Ixesha lifikile ukuba abasebenzi beme kunye, bamanyane. Landelani umzekelo wethu singabasebenzi besibhedlela iWoodstock. Batsala kunye. Umphathi kwisibhedlela iWoodstock uvumile ukuba abasebenzi banyule ikomiti yabo.

Yizani basebenzi, masimeni kunye."

---

# Umqashi olukhuni Rabaxa abasebenzi

### Idabi esisajonge kulo ukuwina amalungelo



Sikubusuku obungenanyanga kwifektri yeentsimbi i Cape Foundries. Apha iintsimbi ziyaphekwa zide zinyibilike zifane namanzi, ukuze zigalelwe kwiimbiza ezizi ntlobo ngentlobo.

Sizithengela ngokwethu izihlangu nee-ovarolo zokusebenza. Le fektri ayisixabisanga thina basebenzi. Iqhuma ngohlobo olungathethekiyo. Ufumana uthuli olumnyama nomsi kumxube womhlaba. Akukho nto isikhuselayo kweli thuli.

Impatho imbi kakhulu. Kwicandelo ngalinye kuneforimani, kodwa umqashi naye usoloko ejonge abasebenzi. Uwuthathela kuye umsebenzi wobuforiman. Usiqhuba rabaxa kakhulu.

I-overtime lisisinyanzelo. Ukuba iforimani iyakugxotha umqashi akafuni ukuyiva eyakho inkcaza. Ukuba ufike ngomzuzu emveni kwexesha leti okanye elokutya ubhala imizuzu eyi 15.

Ngeso sizathu sizimanye nombutho wabasebenzi i General Workers Union. Oko kuthetha ukubamba lendoda ngomsila. Okokuqala yaba ngabasebenzi bama Afrika abazimanya nalo mbutho. Besibuthathaka umqashi wachitha amalungu ekomiti. Ngoku siqokelelene nabasebenzi be Bala.

U-UNION OSHICILELWEYO

Ngoku ulinga ukwaphula umanyano lwethu. Uzise u-union oshicilelweyo juthi, kodwa asiyisanga so loo ndoda.

Sisebenze apha ixesha elide, akazange wasixelela ngalo Union: Kutheni ngoku? Ngoku akalwi thina kuphela kodwa ulwa ne General Workers Union. Sizinyulele u-Union wethu. Akazange wasixelela ngayo. Sazikhethela ngokwethu.

IKOMITI ENTSHA

Sinyule ikomiti entsha yabantu be Bala nama Afrika. Isesisiqalo esi. Kodwa idabi liselide ukubetha lomqashi.

# IKOMITI IQUBE NGOKUNGA HAMBISANI NONINZI

## kodwa abasebenzi bona babheka pambili

Kwinyanga ka Meyi abaqashi bakwa SASSCO eMonti bazisa abasebenzi ukuba ama 65 abasebenzi azakudendwa.

Ikomiti yabasebenzi abaququzeleli be Union kunye nabaqashi badibene nabaqashi ngenjongo zokuxoxa lo mbandela.

Kwagqitywa ukuba kuphungulwe inani kwabo baneminyaka embalwa okanye emifutshane.

Nabaqashi bavuma ukuphungula ama 40 abasebenzi. Emva kophungulo kwabakho izikhalazokwabanye babasebenzi abaphungulweyo. Abanye babasebenzi bakhalazela ukuba olu chitoh aluqhutywanga ngandlea yikomiti.

Endaweni yokuba amalungu ekomiti aqhube ngokomgaqo koko wona asuka anocalu-calulo.

Kwaphelelwa abasebenzi abaneminyaka emide baze abo baneminyaka emifutshane bashiyeka emsebenzini.

INTLANGANISO KAWONKE-WONKE

Ngomhla we 20 ku Juni abasebenzi babiza intlanganiso kawonke-wonke. Kodwa ikomiti ka SASSCO ayizange iphumelele. Abazange banike nesizathu. Abasebenzi bakhathazeka kakhulu sesisenzo sale komiti. Emva koludendo bahlala belindele ingxelo ezivela kubaqashi abasebenzi.

Kwakhona intlanganiso kawonke-wonke yabizwa. Unobhala wesebe, unobhala jikele, nekomiti yakwa SASSCO baphumelela kulentlanganiso.

Abasebenzi batyityimbisele amalungu amathathu ekomiti, usihlalo, usekela-sihlalo, nelungu lekomiti. Bathi lamalungu mathathu anlwazi malunga noludendo lungalunganga.

IMIBUZO

Abasebenzi bafune ukuqonda kula malungu ukuba kunganina ukuba kungaqhutywanga ngendlela koludendo. La malungu mathathu zange avume ukuwuxoxa lo mbandela kunye nabasebenzi bakwa Rennies nakwa Grindrod.




Koko abasebenzi bakuphikisa oko. Ngelithi,"Oludendo kuye wonke umsebenzi we Stifido. Wonke umsebenzi unelungelo lokuxoxa ngalombandela."




Emva koko lamalungu mathathu ayishiya intlanganiso aze alandelwa ngabasebenzi abambalwa. Kwagqitywa ngabasebenzi ukuba konyulwe ikomiti yakwa SASSCO yethutyana.

UNGENELELO LWABAQASHI

Kwintlanganiso kawonke-wonke eyayingomhla we wama 11 ku Julayi azange aphumelele amalungu ekomiti amadala. Abasebenzi bonyula ikomiti baza babazisa abaqashi ngalekomiti intsha.

Abaqashi baluchasa olulonyulo.

Bagunyazisa nokuba abasebenzi bakwa SASSCO bashicilele amagama abo ukubonisa izigqibo zabo.

Nangona bekwenzile oko u Aylott umphathi welisebe akazange aneliseke.

Ekugqibeleni abaqashi babiza intlanganiso kawonke-wonke yabasebenzi. Abasebenzi bakwa SASSCO babonisa ubunye babo nokuhambisana ngopheleleyo nekomiti entsha abathe bayonyula.

IZIFUNDO EZIZAYO

Abasebenzi beStifido saseMonti basayithabatha ikomiti endala njengamalungu ka Union. Nangona benza imposiso elolo hlobo.

"Indlela le ngxuba-kaxaka esonjululwe ngayo isisifundo nakubanye abasebenzi",utshilo uMnu Thandani ongunobhala wesebe.

"Lo mbandela usonjululwe sisininzi. Amalungu ekomiti atyholwe esidlangalaleni ngabasebenzi. Anikwa nethuba lokuzikhusela. Eli sebe le Stifido sase Monti libe ngumzekelo obaluleke kakhulu kwidabi labasebenzi."

# Kuzinto ezinci kangaka . . . . .

I-General Workers Union xa kunamhlanje ivunyiwe ukuba yenye yee Manyano zabasebenzi ezizimeleyo eqine kakhulu, kweli lo Mzantsi Afrika. Iqale ngo February 1973, ngomntu omnye osebenza kuyo, uZora Mehlomakulu, yaye ingena ofisi.

U-Union waqala njengebhunga lokucebisa labasebenzi be Phondo le Ntshona. Omnye weyona misebenzi yakhe yayikukucacisela abasebenzi ngelungelo abanalo loku gaya. Kwakhona isithuba esashiywa zezo Union ezathi zona zatshatyalaliswa ngu Rulumente kweyo 1960. Ukoyisa nokucinga kwabasebenzi abaninzi kwathabatha ixesha elide ukuba baphinde bahlangane kwakhona.

UMBUTHO KWIXA ELINGAPHAMBILI

Ukusukela ngoko u-Union wazama ukuba akhe uqilimba lwemibutho ezi fektri aze abenokuqalisa ukumisa u-Union.

Ukufolonywa kwalo mbutho waqala walibhunga elicebisayo (Advice Bureau) owawulawulwa yikomiti ye Qumrwana Elilawulayo eyayinyulwe kwintlanganiso kawonke-wonke. Yaza ke yangu Union wabasebenzi olawulwa li Qumru Elilawulayo elimele ifektri zonke ku Union. Oku yayi kukwandisa ulawulo lwabasebenzi kwi fektri ethe yagaywa ngu-union.

UKWANDA KOMBUTHO JIKELELE

Kunyaka ophelileyo, i Western Province General Workers Union yaqalisa ukugaya ngaphandle kwe Kapa. Yaza ke yaba yi General Workers Union enamasebe eKapa, eBhayi nase Monti. Kwakhona siyagaya nakwi Pondo le Ntshona nakwidokisi yase Durban. (Thekwini)

EYONA NKQUBO

Namhlanje, njengonyaka ka 1973, umnombo we union, ngumbutho wabasebenzi abazilawulayo ongenamkhethe wabala. Ukukhula kwe Union, kunye namandla ayo namhlanje, ziziphumo zokuma ndaweni inye ingagungqi kwinkqubo yayo.

AMANDLA

Nje Ngoko esitsho uZora: "Indlu ngaphandle kwesiseko esisiso ingawa lula. Ngokunjalo no Union ongamelwanga ngokusenyanisweni nophumle phezu kwabasebenzi awunakumisa nto".



Zora Mehlomakulu
Unobhala wesebe le Kapa.



David Lewis
Unobhala Jikelele

General Workers' Union
Amasebe:

Benbow Buildings
Beverley Street
Athlone
Cape Town

Court Chambers
623 Main Road
North End.
Port Elizabeth

108 Union Arcade
37 Terminus Street.
East London

Main Gate Building
164 Point Road
Durban



Intlanganiso ye Advice Bureau ebutsheni ngo 1975.